bitcoinekasi.com

Xhosa Introduction to Bitcoin.
https://youtu.be/h9QSxBajbB4

I-*Bitcoin* yimali. Kodwa yahlukile kule mali yesiqhelo. Imali esetyenziswa kule mihla ibekwa ngokusesikweni yimithetho karhulumente. IRandi le isetyenziswa eMzantsi Afrika yaqala ukusetyenziswa ngokusemthethweni ngo-1961 ingena endaweni yePonti yoMzantsi Afrika. I-*Bitcoin* ayibekwe ngokusemthethweni ngurhulumente, endaweni yako yasekwa ngowesivumelwano ngo-2009 kwaye isetyenziswa ngabantu belandela imigaqo abavumeleneyo ngayo ukuba baza kuyilandela.

I-*Bitcoin* inexabiso. Ixabiso ke liyaxhomekeka (kwizimvo nemibono yomntu). Ke ngoko i-*Bitcoin* iyimali kuphela kwabo bayisebenzisa ngokwemigaqo ekuvunyelenwe ngayo. Ukuyisebenzisa i-*bitcoin* kuyenze ukuba ibenexabiso kwaye ixabiso layo libalwa ngokwemali ethengwa ngayo. Ixabiso le-*bitcoin* libekwa ngabantu abarhweba ngayo (ixabiso eli abantu abarhweba ngayo nabo bebeyithenge okanye beyithengiselwe ngalo), alixhomekekanga kwimithetho ebekwe ngurhulumente. Oku kufana nqwa noku kwenzekayo kurhwebo ngegolide kuba ixabiso legolide lixhokeke kwabo barhweba ngayo.

I-*bitcoin* yona yahlukile. Akukho mntu ulawula i-*Bitcoin* (njengoko kungekho mntu unokuqalisa olunye uhlobo lwe-*Bitcoin* olulawulwa yimithetho bona buqu abangavumelaniyo nayo). Igolide yenye yezimbiwa ezinqabe kakhulu ehlabathini, ngenxa yokuba kunzima ukuyemba phantsi komgodi (kuba ifuna ukubila kwebunzi lendoda namandla). Kunjalo ke nakwi-*Bitcoin*, nayo inqabile kwaye umntu akanakusuka aziqambele nje ngokwakhe (engakhange asebenze nzima).

Kodwa ke yona i-*Bitcon* ayifani negolide, yona yimali eku-intanethi. Ungayithumela naphi na usebenzisa iselula le iqhelekileyo qha eno-intanethi. Futhi xa uyithumela ifika ngoko nangoko,. Abantu abaninzi ii-*Bitcoin* zabo bazifaka kwi-*app* yeselula, ebizwa ngokuba yi-*wallet*, isipaji ngesiXhosa. Kukho iintlobo ezininzi ezahlukeneyo zezipaji, kodwa olu hlobo lwe-*wallet* lugcina i-*Bitcoin* alufane nezinye. Kodwa noko kunjalo, imali engaphakathi kuzo iyafana. I-wallet esemgangathweni ye-*Bitcoin* ifana nqwa nesipaji esiqhelekileyo esinemali. Imali yakho ekule *wallet* ilawulwa nguwe kwaye akukho namnye umntu onokuzama ukuyithathela kuye ukuba wena awunikisi ngeenkcukacha zayo kuye nabani na.

I-*Bitcoin* iluhlobo oluthile lwe-*app* enemigaqo nemithetho. Le migaqo nemithetho isetyenziselwa ukudibanisa amawaka eekhompyutha kwihlabathi liphela. Iyafana no-*Whatsapp* okanye no-*Facebook*, kodwa ke zikhona izinto ezibalulekileyo eyahluke ngazo. Le *app* ye-Bitcoin yona inemithetho ethile. Le mithetho yiyo echaza iimpawu ze-bitcoin njengohlobo lwemali. Eminye ebaluleke kakhulu yale mithetho yeyokuba i-*bitcoin* luhlobo lobutyebi okanye imali enqongopheleyo. Umzekelo, inani lee-*bitcoin* ezikhoyo ehlabathini alinakudlula kwizigidi eziyi-21 okanye kwi-*21 million*. Akukho mntu unokwenza ezinye ukongeza kwezi. I-*Bitcoin* nganye ingahlulwa ibe ngamasuntswana azizigidi ezilikhulu okanye ayi-*100 million*, abizwa ngokuba zi-*Satoshis* okanye i-*sats*. Ukuba ndithumele ii-*satoshi* eziyi-100 emntwini othile imithetho yale *app* ayindivumeli ukuba ndiphindle ndithumele ezi satoshi zinye komnye umntu. Le nto iyafana nokuthatha ingqekembe ye-R5 uthenge ngayo. Xa le R5 uyisebenzisile, ayiphinde ibuye.

Akukho nto ifihlakeleyo kwi-*Bitcoin*. Nabani okwaziyo ukuzifunda iikhowundi zekhompyutha (okanye umntu onomdla wokufunda ngazo) uyawazi umsebenzi wazo. Oku kufana nqwa nomntu okhanda iimoto okwaziyo ukuqhaqha injini abone yonke into eyenzekayo ngaphakathi kuyo. Akukho nto ifihlwayo kwi-*bitcoin.*

I-*Bitcoin* ayitshintshi. Ngokuye kusiba nzima ukutshintsha nokujika iinkcukacha zeentlawulo ezenziwe nge-Bitcoin kungokuye zihlala kuvimba weenkcukacha obizwa ngokuba yi-*blockchain.* Imigaqo elawula indlela ezenziwayo ngayo iintlawulo nge-*bitcoin* ayinakutshintshwa ngaphandle kokuba bonke abantu abarhweba ngayo bavumelane ukuba mayitshintshwe. Nanjengokokuba indlela yokuhlawula nokuhlawulwa nge-*bitcoin* ingafihli nto, isimahla futhi ivulelekileyo kumntu wonke, ukutshintsha imigaqo nemithetho yayo akululanga kwaphela. Akukho mntu ulawula i-*Bitcoin* eyedwa. Nokuba lo mntu utyebe kangakanani na. Akukho rhulumente okanye nkampani inokuyitshintsha imigaqo ye-*Bitcoin* ukuba nje abantu bayakwazi futhi bayafuna ukuyilawula ngokwabo indlela esebenza ngayo.

Zininzi ezinye iintlobo zemali ezifana ne-*Bitcoin*. Ezi ntlobo zemali ziquka i-*altcoins*, i-*cryptocurrencies* okanye ke iintlobo zemali ye-intanethi ezingenexabiso futhi nongenakuzithemba. Zonke zi zintlobo zemali zivele emva kwe-*Bitcoin*. Ezinye ezidume kakhulu ziquka i-*Ethereum*, *Ripple, Cardano* ne-*Solana*. Zingaphezulu kwe-10,000 ezinye iimali eziyimigunyathi ye-*Bitcoin*. Ungaxhaliswa zizo wena. Ungasuka nje ungazinaki.

I-*Bicoin* luhlobo lwemali olungalawulwa liqumrhu elinye. Oku kuthetha ukuba ngabantu abaninzi abalawula inkqubo yokurhweba nge-*Bitcoin* besebenzisa nje iikhompyutha zabo, lo nto yenze ukuba le *app* isetyenziswe ngabantu abaninzi abazintlobo ezahlukeneyo. Oku ke kubalulekile, kuba i-*app* elawulwa ngabantu abaninzi abahlukeneyo yenza kungabilula ukuyitshintsha imithetho yayo. Le nto yenza ukuba imithetho ithembeke futhi ingatshintsha-tshintshwa rhoqo. Futhi ke ukuthembeka kubalulekile kakhulu kwinto esisixhobo esiyimali yokuthenga.

EMzantsi Afrika, siyazi ukuba xa kungekho zinzo futhi kungacaci kakuhle apho ilizwe liyakhona oko kwenza imali yeli lizwe yehlelwe lixabiso ngokukhawuleza. Ngokunjalo ke nakwigolide, kuba kukuthenjwa kwayo okubangele ukuba ihlale isithuba seminyaka engaphezulu kwe-5000 iluhlobo lobutyebi bokuthenga nokurhweba obuthengiweyo. Awunakuyitshintsha igolide uyenze enye into. Iyakuhlala iyigolide. Kunjalo ke nakwi-*Bitcoin* kuba nayo iyakuhlala iyi-*Bitcoin.* Into leyo ke ezinye iikopi ezi zayo ziyimigunyathi ezingakwaziyo ukuyenza. Yiyo loo nto kubalulekile ukulibala ixabiso lemali ngokokuthembeka kwayo uze yona imali ka-intanethi ubale ixabiso layo ngokokuba ingaluwulwa endaweni enye.

I-*Bitcoin* yimali yehlabathi. I-*Bitcoin* ifumaneka kuzo zonke iindawo. Zininzi iinkampani eziyisebenzisayo i-*Bitcoin* futhi ezivumayo ukuba uthenge ngayo njengoko uqhele ukwenza kwimali yesiqhelo. Ukucacisa lo mzekelo, sisebenzisa i-*app* yeselula yakwa-*Bitrefill*

ekuncedayo ukuba ukwazi ukuthenga iimpahla, iinkonzo, iivawutsha zokuthenga usebenzisa i-*Bitcoin.* Umzekelo, uyakwazi ukuthenga i-*data* ne-*airtime* yeselula yakho nge-*Bitcoin* usebenzisa i-*Bitrefill*. Le vido ikubonisa kanye le nto. Bonke abantu obabonayo kule vidiyo bafumana i-*data* ethengwe ngabancedisi bethu nge-*Bitcoin* besebenzisa i-*Bitrefill*.

Oku kuyenzeka kuba i-*Bitcoin* yimali yokwenene.

Eyona nto ibalulekileyo kukwazi ukuba i-*Bitcoin* ayiyomali yokwenene nje kuphela. Luhlobo lwemali engcono kakhulu. Ngenxa yokuba iluhlobo lwamali elingalawula okanye elingaxhomekekanga kurhulumente kwaye engalawulwa libathwana okanye ligcuntswana labantu abathile. Jonga into eyenzeka eZimbabwe. Lowa ngumzekelo wezinto ezenzeka xa imali ilawula libathwana labantu abathile. Lingehla ixabiso layo ukuba kukho izinto ezingalunganga abazenzayo. Le mali sele isetyenziswa kumazwe ahlukeneyo kwihlabathi liphela. Njengokuba sisazi, rhoqo ngonyaka imali othenga ngayo ukutya nezinye izinto kufuneka uyonyuse phofu wona umthamo wezinto ozithengayo ungenyuki. Le nto ibizwa ngokuba kukunyuka kwamaxabiso. Okuyinene kukuba le nto ayenziwa kukunyuka kwamaxabiso koko kukuhla kwamandla nexabiso lemali yakho.

Ngoba? Lula nje. Ngenxa yokuba abantu abalawula imali bengabawenzi umsebenzi wabo.

Ukusebenzisa okanye ukugcina imali iluhlobo lwe-*Bitcoin* ikwenza ukuba ukwazi ukuyonga okanye kukwenze ukuba ube nemali eninzi yokuthenga ekuhambeni kwexesha, into leyo iza kwenza ukwazi ukwakhela wena nabantwana bakho ikamva eliqaqambileyo. Obu buchwepheshe bungummangaliso bokuzenzela ubutyebi sele bukhona, kodwa ke kuxhomekeke kuthi ukuba siyabufuna na. Ungalibazis… ngokwenza njalo uyakuba unceda abantwana bakho.